Downloaded from eduresourceza.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo Lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (30) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-50
   ICANDELO B: Imizuzu engama-30
   ICANDELO C: Imizuzu engama-40

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**

**UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA**

Funda IZICATSHULWA A no B ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

**ISICATSHULWA A**

**UKUZINZA NGOKOMOYA NANGOKWENGQONDO**

1 Ingaba kutheni ukuphumelela kwabantu kushiyana oku kweminwe yesandla? Impendulo isekubeni akulinganwa kakade ngokuzinza engqondweni nangokomoya. Ukuzinza engqondweni nangokomoya kubenza abantu bathathe izigqibo ngokwahlukileyo.

2 Ukuzinza ngokomoya nangokwengqondo kungachazwa njengokubanako ukuyondelelanisa iingcinga neemvakalelo ngokokude kuqhambuke izigqibo eziqiqekileyo. Kumntu onozinzo ngokomoya nangokwengqondo kubonakala ezi zakhono zilandelayo; ukuzazi, ukukwazi ukuzifaka ezihlangwini zabantu, ukukhuthazeka okungazenzisiyo okusuka kumnini, ukuzilawula, kunye nezakhono zokuphilisana nokuhlalelana nabantu. Intsebenziswano yezakhono ezibalwe ngentla yenza kubenzima ukuzahlula esinye kwesinye xa sezisebenza.

3 UPlato oyingqondi yamaGrike uyixhasa inkcaza engentla yokuzinza ngokomoya nangokwengqondo ngamazwi athi, 'Konke esikufundayo ebomini kudlula kwisihluzo esiziimvakalelo.' Angathi kanti unyanisile kuba xa ujonga iimpendulo abantu abazinika njengezizathu zokwenza kwabo ufumanisa ukuba basebenzisa iimvakalelo njengesizathu. Ufika sele becela amaxolo kwabanye, bebeka ukungaqiqisisi phambi kokwenza njengesizathu sokwenza kwabo okuphuthileyo. Maxawambi umntu ubeka ukuvuya kakhulu okanye ukukhathazeka kakhulu nokungaqondi njengonobangela wezenzo. Kukwalapha nokuzincoma xa isiphumo seemvakalelo sihambelene nobekulindelekile. Nalapho umntu sukuba ezincoma ngokuqiqisisa akwenzileyo phambi kokuthatha isigqibo sokwenza kwakhe. Isifundo sesiqapheleka kumazwi abo athi, 'Andisayi kuphinda ndenze ngolu hlobo kuba ndifundile ukuba ukuziyeka ndiphanjwe ziimvakalelo zam kubeneziphumo ezibi. Kungenjalo ndifunde ukuba ukwenza ngohlobo oluthile kuyanceda.'

4 Khawucingisise ngesakhono sokulawula iimvakalelo kwisimanga esingezantsi. Yehla imamalatile mhla kwakuqubisene amaqela amabini ebhola ekhatywayo dolophini ithile. Yayingunomji sekufuneka iqela eliphumelelayo lifumane inqaku elinye ukuze lidlule kwelinye. Kumxhentso owawuqhuba apho kuyacaca ukuba kwakukho ukuthandaza, ukuminca, ukuqhina okwakudalwa kukuba umntu ngamnye efuna kuphumelele elakhe iqela. Sithe sisajongile nca ibhola ezandleni zikanozinti. Laxhu-u-uma eliwinayo. Kanti ibhola imtshisile unozinti ezandleni, qengqelele ngaphaya komgca. Nenekazi lithile liwe phantsi koko kuvuya labe kanti sele lipholile, likobandayo. Wafika ugqirha seleqinisekisa ukuba umphefumlo sele ungaphaya kweengqimba zamafu. Yintoni? Alikwazanga ukulawula iimvakalelo zalo xa kutshintsha ukuvuya kubelunxunguphalo ngokutshawuza kweliso.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

5 Ngelika-Aristotle, nabani uyafikelwa ngumsindo. Yinto elula leyo kodwa ukucaphukela kumntu omele ukucaphukela kuye, ukucaphuka ungagqithisi, ukucaphuka ngexesha esenokulungiseka ngalo into ecaphukisayo, ukucaphuka ngesizathu esibambekayo, nokucaphuka ngendlela esombulula ingxaki, akukho semandleni kawonkewonke kwaye kunzima. Owetyisa amazwi ka-Aristotle ngengqiqo uphuma nombuzo wokuba kuyafundelwa na ukucaphuka. Mhlawumbi impendulo isekubeni kwiindawo zempangelo ufika ooMsindusempumlweni bethunyelwa kwizifundo zoluleko. Izifundo zoluleko zeziquka ukumelana nokucaphuka okukokwakhe umntu, kudlulele ekufundeleni ukumelana nokucaphuka kwabanye abantu abakugalela phezu kwentloko yakhe. Kuyabonakala ukuba sikwilizwe apho kufundelwa nokucaphuka ngengqiqo.

6 Ukuzilawula kukwaqulethe isakhono sokucinga phambi kokwenza hayi ukucinga esenza umntu okanye ukwenza phambi kokuba acinge. Kufuna umntu ongaphulukwayo, ongaphuhlukiyo, ozilindayo, aqiqe phambi kokwenza. Kungade kuquke nokwaphulela kwiimeko ezithile, apho umntu angaphenduli yonke into. Kungayiquka nemfuneko yokuzama ukungathi uyayiqonda into ungekayiqondi, uthenga ixesha ukuze ungagxuphuleki okanye ungaziboni urhiwula nebingangqalanga kuwe ngqo.

7 **Ewe bakho bona ooWabizwa - abantu abathi kwakucatshukelwa kubo basabele ngokungaphezulu ukucaphuka.** Aba ngabangakwazi ukuhlalelana nabanye abantu. Wumbi uthi enikwa ithuba lokusombulula ingxaki yabaxambulisanayo, enze unxantathu wengxaki ngokuba agqibele eshawuta bobabini abo baxabanayo. We bantu! Kwathini na? Thina sazi abazali bethu ababengayanga nasesikolweni abangabaxolelanisi. Babethi xa ufika ukhala, uzibhuqa usithi ubethiwe sowulandelwa zezinye zingqina kungekabuzwa ukuba eneneni ubethiwe, bakuhlalise phantsi bona bakulungiselele indawo yokuhlala bakulungise bathi, 'Xelela mna mntanam. Kwenzeke ni?' Lo kwenzekeni nokwathini ke ngoku wayebanesiphumo sokuba uzifumanise ukuba nguwe obhoxe abanye, ukhale uzaphule, uzohlwaya nokuzohlwaya, abuye umzali athi, 'Cela uxolo.' Ulucele ngeso singqalakazi, uvalwe umcimbi kuba uthe waziqonda. Ukuzinza ngokomoya kungenile!

8 Nanjengoko sesitshilo, nokubonakala uzinzile engqondweni nasemoyeni kufuneka kubonwe kwintsebenziswano phakathi kwengqondo yakho neemeko ophantsi kwazo. Kukho abantu abangakwazi ukumelana noxinzelelo. Lusenokuba lolomsebenzi wokufunda okanye wokuphangela. Umntu ongekaphekeki ekuzazini umbona ngokuhlala eqhushumba. Ndikhumbula umntu owadwanguza eprizenta, wacima ikhompyutha, waphuma, kanti ucatshukiswe ngababini abandumzela phaya ngemva. Waba usityile isonka sakhe. Intoni? Wathi esithi, 'Akwaba' kwabe sekukwabekile. Akusebenzisa isixhobo esikukuzibuza umbuzo othi kutheni kahlanu, wafumanisa ukuba uzilimazile ngomsindo wakhe. Mayizinziswe ingqondo nomoya!

[Sithathwe ku-https://ideapod.com saguqulelwa esiXhoseni saze sahlelwa]

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

## ISICATSHULWA B



[Ucatshulwe kwi-intanethi, www.gettyimages.com waze wahlelwa]

## IMIBUZO: ISICATSHULWA A

### Jonga kumhlathi 1

1.1 Khankanya isizathu sokuba kushiyane okweminwe yesandla ukuphumelela kwabantu ngokwalo mhlathi. (1)

1.2 Nika ifuthe lokuzinza ngokwasengqondweni nangokomoya kwizigqibo abazithathayo abantu ngokwalo mhlathi. (1)

### Jonga kumhlathi 2

1.3 Khankanya isakhono esibonakala kumntu onalo uzinzo ngokomoya nangokwengqondo ngokwalo mhlathi. (1)

### Jonga kumhlathi 3

1.4 Xela nasiphi isizathu esichaphazela imvakalelo abasisebenzisa xa bephendula ngokwenza kwabo abantu ngokwalo mhlathi. (1)

1.5 Nika intsingiselo yebinzana 'ukuphanjwa ziimvakalelo' ngokomxholo walo mhlathi. (1)

### Jonga kumhlathi 4

1.6 Uyangqina ukuba lisisimanga eli balana likulo mhlathi? Xhasa impendulo yakho. (2)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**Jonga kumhlathi 3 no 5**

1.7 Xhasa uluvo lokuba uPlato noAristotle bayangqinelana ngokuba iimvakalelo zinefuthe ekuzinzeni komoya nengqondo. (2)

**Jonga kumhlathi 5**

1.8 Nika isichasi segama 'uMsindusempumlweni' ngokomxholo wokulawula iimvakalelo. Xhasa impendulo yakho. (2)

1.9 Ucinga ukuba izifundo zoluleko lweemvakalelo ziyafuneka? Xhasa impendulo yakho ngokufumana kulo mhlathi. (2)

1.10 Caphula umqolo odiza ukuba ukulawula iimvakalelo ngokukuko yingxaki yomntu wonke. (1)

**Jonga kumhlathi 6**

1.11 Xela zibeMBINI iimpawu zomntu onesakhono sokuzilawula ezikulo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi 7**

1.12 Xela umsebenzi weqhagamshela kwisivakalisi esibhalwe ngqindilili. (1)

1.13 YINYANI/BUBUXOKI ukuba kufundelwa esikolweni kuphela ukuxolelanisa? Xhasa impendulo yakho ngokuqulethwe ngulo mhlathi. (2)

1.14 Chaza ukuba ivuselela luvakalelo luni emntwaneni obethe omnye indlela abazali ababaqhelisa ngayo ukuzinzisa umoya kulo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi 8**

1.15 Nika ingcamango ephambili yalo mhlathi. (2)

1.16 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

Isivakalisi esithi, 'Waba usityile isonka sakhe' ngokomxholo wesicatshulwa sithetha ukuba waba ...

A uwugqibile umphako.
B uziphelelise ngomsebenzi.
C uziphe ikhefu.
D uthanda umsebenzi. (1)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**IMIBUZO ISICATSHULWA A NO B**

1.17 Xela zibeziBINI izakhono ezifumaneka kumhlathi we-6 asilela kuzo umnumzana okumfanekiso. (2)

1.18 Nika umntu osemfanekisweni isisombululo esicetyiswa kumhlathi we-6 sokuzikhupha kwimeko akuyo ngokwesicatshulwa B. (2)

1.19 Xela udidi lwabantu abafanele ukufunda ezi zicatshulwa zibini. Xhasa uluvo lwakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

## UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA

ISICATSHULWA C sithetha **ngeempawu anokubonakala ngazo umntu olungileyo ngokoluvo lukaLachlan Brown**. Shwankathela ngamazwi akho unike iimpawu zomntu olungileyo ngokuka**Lachlan Brown**.

**QAPHELA:**

1. Bhala UMHLATHI ongenaziphene usebenzisa amazwi akho kangangoko unako.
2. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma EZISIXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**ISICATSHULWA C**

**IIMPAWU ZOMNTU OLUNGILEYO**

Ngokoluvo lukaLachlan Brown amaxesha amaninzi ungazibona njengomntu ongalunganga kuba umane uzifumana uphakathi kwiingxwabangxwaba okanye usiva abantu abathi uphakamile. Asizozinto zibonakalisa kulunga nakungalungi komntu ezo.

Umntu olungileyo ngokwazi ukuhlala elizwini lakhe angagungqi. Ohleli elizwini ugcina isithembiso asenzileyo ebantwini engathengi buso. Kunjalonje akukho nemfuneko yobunewunewu bokuzenza mhle, oko nje ebambe isithembiso asenzileyo. Nokufika oku ngexesha obulibekile sisenzo sokuhlala elizwini lakho.

Ulungile umntu ongabiluxanduva kwabanye abantu. Abanye abantu ulonwabo lwabo luphazamisa olwabanye. Kukho abaqala iingxaki phaa kude besithi bonwabile kusuke zigqityezelwe ngabangazenzanga. Umntu ukhe ayokubukela iividiyo kude suke ukubuyela ekhaya kube luxanduva lwabanye abantu. Nakwiimpazamo zakhe umntu asole abanye xa efuna ungenelelo.

Xa ukwamkela ukungaboni ngasonye kwakho nabanye ungumntu olungileyo. Kaloku ukungaboni ngasonye sisixhobo sokwakha umntu ngeembono zomnye. Ingxaki ivela kwindlela abantu abatolika ngayo isenzo sokungaboni ngasonye suka bayibone iyingxabano, baqalise bazonde, bangaxoleli okanye bazibone bezondwa bengaxolelwa. Ukuphakamisa ilizwi asilophawu lokuxabana xa kunokuthathwa njengokuvakalisa izimvo.

Kukho abantu abangacingi kabini phambi kokuba bancede omnye umntu. Sisenzo sabalungileyo eso kwaye ukunceda abakwenzi kuba bebuthathaka ngengqondo. Izinto ezincinci njengokumhlalisa umntu owenza umsebenzi wakhe omninzi kukunceda. Makungamthezi mandla umntu olungileyo ukudlelelelwa, nokutyhafiswa ekuncedeni.

Abantu bayakhawuleza ukubona iziphoso zabanye. Xa usoloko ubona okuhle ngaphezu kokungalunganga kwabanye abantu ulungile. Ubenza abantu bazive bexabisekile baze bazibone sebesenza okuhle nangakumbi. Ukugada iziphene kuphela kuyadodobalisa kogadileyo nakogadiweyo.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Ukukhuthaza nokomeleza abanye sisenzo sokulunga kosenzayo. Ungangahlali wonwabile, kodwa ukwazi ukwabelana nabanye ngolonwabo. Uva kamnandi umntu wakuyiqaphela, umxelele into ayenze ngokuzimisela nokuba uyayazi ukuba akayiphumezanga. Kukukhuthaza ukwenjenjalo. Nokwenza into ungajonganga kunconywa kuyabakhuthaza basebenze nawe bengenaxhala lakuncomana namalinge akho.

Kukho abantu abathi bakuxhokonxwa babe nabo sele belungele ukubasa kuba besithi bakhathaziwe. Ukuba uyakwazi ukuzibamba, uhle, ungakhalazi, wenze konke okusemandleni akho, uqhoboshe ulwimi lwakho, ungaphenduli konke, ulungile.

[Sithathwe ku-https://hackspirit.com/traits-show-your-good-person/ saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

eduresourceza.com


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com


## ICANDELO C: IZAKHI NEMIQAGO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

Funda esi sibhengezo ntengiso (ISICATSHULWA D) singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

### ISICATSHULWA D




[Sicatshulwe kwi-intanethi, www.googleimages.com saze sahlelwa]

3.1 Xela ingxaki yabathengi esithembisa ngokuyisombulula isibhengezo. (1)

3.2 Caphula kwisibhengezo ibinzana negama elithetha ukuba iinkonzo zisoloko zifumaneka. (2)

3.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi ukuphendula lo mbuzo ulandelayo.

Umfanekiso wendlovu nentombazana umthundeza njani umthengi ukuba alangazelele inkonzo ethengiswayo?

A Umgxagxamisa ngamagama amaninzi anezisongelo.
B Umthembisa ngenkonzo emahala yabantwana aza kuyifumana.
C Utsala iinkumbulo ezichukumisa intlungu ayoyikayo yokusindwa.
D Umbuza imibuzo efuna acinge nzulu ngentlungu yokusindwa. (1)

3.4 Caphula kwisivakalisi esingezantsi igama ELINYE, elithetha ukuba inkonzo yothutho yakwaNaninina igqitha ngaphaya kweemeko.

Sikuthatha nokuba uphi naninina. (1)

3.5 Xela udidi lwesafobe esiqulethwe ngulo mfanekiso wandule uchaze ukuba sibenza njani abathengi ukuba baqonde ingxaki abakuyo. (2)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

3.6 Lo mfanekiso ubonakala unaluvo luni ngabantu ababhinqileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.7 Nika ubungqina bokuba esi sibhengezo ntengiso siloba ngenjongo yokukhohlisa abathengi. (1)
**[10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni (ISICATSHULWA E) ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

**ISICATSHULWA E**




[Sicatshulwe ku-https://www.google.com/search]

4.1 Caphula kwisakhelo soku-1 igama elixela ukuba uSikho uyamhlonipha uBhuqa. (1)

4.2 Chaza ukuba isakhelo soku-1 nesesi-2 zibonise njani ukuba uBhuqa akamkhathalelanga uSikho (a) ngokomzimba (b) ngokwamagama. (2)

4.3 Xela uphawu lokuzoba olubonisa ukuba isandla sikaSikho siyashukuma kwisakhelo sesi-3. (1)

4.4 Chaza umahluko kwindlela uBhuqa nomzobi wekhathuni abayithatha ngayo into ethethwa ngumntwana. (2)

4.5 Gqibezela intetho kaSikho ekwisakhelo sesi-3 ngokuhambelana nebali lekhathuni. (1)

4.6 Nika imfundiso yemifanekiso nesigama sale khathuni kubantu abangabamameliyo abantwana. (1)

4.7 Ucinga ukuba uBhuqa umele kukuziva ephoxekile emva kokuba ewile? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 5: IPROZI**

Funda esi sicatshulwa (ISICATSHULWA F), singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA F**

**MHLA SANCAMA**

1 'Nanku, mama! nanku tata!' Sothuswe ngala mazwi sihleli nomfazi, kanti yintwana yethu yokuqala uCholani. Nantso isiza ikhemezela, indlandlatheka, kubonakala ukuba ngenene iyibonile into eyoyikekayo.

2 'Mama, ndimbonile umama uNovenkile; uqale kuloBuyiswa, wacela icephe lekofu, waphuma apho waya kuloNtaphane wacela icephe leswekile.' Kuthe esakhefuzela njalo uCholani wangena umninawa wakhe, naye ematshekile. Uthe yena kwangentsasa leyo ngokuya ebeye kuloMazwi ubone kungena intwanazana kaNovenkile uFaniswa, iye kucelela unina amagqabi eti. Uthe xa aphumayo uFaniswa wahamba naye, wamshiya engena kuloLulama esiya kucela ityuwa.

3 Kuthe esaqhuba njalo, saziva **izinqi** zikaNovenkile, esiza. Sifane sajongana nomfazi lisikhohlile. Ngenene, ngenene, asibantu bakhe babizwa ngale nto kuthiwa kukuvimba. Endaweni yaloo nto side saduma ngento yokuba singabantu abachitha kakhulu kodwa into eyayisenziwa nguNovenkile kuloo lali yayinokujika nengelosi ibe similo simbi. Lo mfazi wayevuka ngonyezi ayithunge yonke ilali, kude kube lucolothi ehamba ecela.

[Sicatshulwe kwincwadi *Imbadu* ebhalwe nguGB Sinxo iphepha1 sahlelwa]

5.1 Khankanya iimpawu zobhalo lwentetho ngqo ezibonakala kwisivakalisi esibhalwe ngezantsi.

'Nanku, mama! nanku tata!' (1)

5.2 Chonga izenzeko eziBINI eziqhubeka ngaxeshanye kwisivakalisi esingezantsi.

Nantso isiza, ikhemezela, indlandlatheka, kubonakala ukuba ngenene iyibonile into eyoyikekayo. (2)

5.3 Sebenzisa isiqu sesibizo esinomgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi uze usisebenzise kwisivakalisi.

Mama, ndimbonile umama uNovenkile. (1)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

5.4 YINYANI/BUBUXOKI ukuba igama, 'wakhe' elikwisivakalisi esilandelayo lithetha ukuba umninawa kaCholani wenze indlu ngokomxholo? Nika isizathu sempendulo yakho.

Kuthe esakhefuzela njalo uCholani wangena umninawa **wakhe.** (2)

5.5 Chonga igama elixela ixesha kwisivakalisi esingezantsi.

Uthe yena kwangentsasa leyo ngokuya ebeye kuloMazwi ubone uFaniswa. (1)

5.6 Chaza umahluko kwintsingiselo eziswa zizimamva ezikrwelelwe umgca ngaphantsi kumhlathi wesi-2 nowesi-3. (2)

5.7 Lungisa isiphene kwigama elibhalwe ngqindilili kumhlathi wesi-3. (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**


Downloaded from eduresourceza.com

